

Novemba
2011

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445
24 Hour Emergency Fire Brigade	028 313 8000/8111	028 312 2400

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

UKHUPHISWANO LOKUGQALA UBUNKOKELI

OYENA MASIPALA UTYALE IMITHI UYA KUBA NEGALELO KUMGANGATHO WEZENDALO

UMasipala wase-Overstrand wawongwa ngendebe yobuNkokeli, amaLungiselelo eNtlangano Nothatho-nxa-xheba loLuntu kuKhuphiswano loYena Masipala uTyale iMithi obeluhutywa apha eNtshona Koloni.

UMnu. uJohan van Taak, uMphathi: WoLawulo Lwe-Nkunkuma, uzuze imbasa ngokuba yintshatsheli kuKhuphiswano loYena Masipala uTyale iMithi kummandla wase-Overstrand.

Umsitho wokunikezelwa kwamabhaso ububanjwe ngoLwesine umhla wesi-6 ku-Oktobha wama-2011 kwindawo yomdiliya omfangauiweyo iNelson Creek cebu kuhle ePere. Ophumelele kubo bonke ibe nguMasipala waseDrakenstein waza walandelwa nguMasipala wase-George nowaseWitzenberg kwindawo yesibini neyese-sithathu ngokulandelelana kwabo. UMasipala weSithili sase-Eden uphumelele kuluhlu loomasipala bezithili.

Kunikezelwe neendebe kuMasipala waseGeorge ngenxa yolawulo lwenkunkuma, kanti uMasipala iHessequa yena uyifumene ngenxa yokusetyenziswa kakuhle kwanolondolozo lwezamandla, waza uMasipala wase-Stellenbosch yena wayifumane ngenxa yokutyalwa imithi kwanobuhle obuthi ndijonge, ukanti uMasipala wase-Witzenberg uyifumene ngenxa yolawulo lwezamanzi ngelixa uMasipala waseDrakenstein eyifumene ngenxa yolawulo lomgangatho womoya.

UKhuphiswano loYena Masipala uTyale iMithi beluquka noKhuphiswano lweYona Dolophu iCocekileyo, obulusekwe ngokuyintloko ekuHloweni kwemisebenzi yolawulo lwenkunkuma. Ngokuphangalaliswa kombono walo kwanokumanywa kwalo namaphulo ehlabathi nakazwelonke ngokuphathelwe ukutyalwa kwemithi nokucitshiswa kweegesi eziyingozi emoyeni, olu khuphiswano lujoliswe ekukhuthazeni ukuhanjiswa kwe-enkonzo okuya kuthi kubuyisele isidima nokuzibophelela koluntu ekukhathaleleni ezendalo.



USUKU LWAMAFU LUBHIYOZELWE NGOKUTYALWA KWEMITHI

Kwi-projekthi edityanisiweyo yoSuku lwaMafa, kuthe kwatyalwa imithi kumakhaya eenkonde neenkonde kazi nakumaziko abantu abadala kuyo yonke imimandla kamasipala ngabameli bakamasipala wase-Overstrand nabeNendlu yoWiso-Mthetho yaseNtshona Koloni. USodolophu uNicolette Botha-Guthrie uthethe le yindlela yokuthi enkosi kula mawaba namawasakazi akhokhobayo ngendima yawo ekusikhuliseni. Le projekthi ithetha ngokuxinisa nakuNyaka wamaHlathi wamaZwe ngamaZwe nokubaluleka kokutyalwa kwemithi njengento yokuthintela ubushushu obugatselweyo bomhlaba, ngelixa bekukhuthazwa ukutyalwa kwemithi e-Overstrand. Ekuthazazwa uSodolophu ngokutyalwa imithi kwiZiko loLuntu iSilwerjare eBlompark, eGansbaai, ukusuka ekhohlo ibinguPieter Scholtz iSekela likaSodolophu, uMagrieta Adams umphathi weziko loluntu, u-Ans Scholtz kwakunye noMnu. uMike Walters, iLungu leNdlu yoWiso-Mthetho yePhondo kunye noSihlalo weKomiti yeXeshana yeMicimbi yezeNdalo.

UMPHATHI KAMASIPALA UYA KUMHLALA-PHANTSI EKUPHELENI KONYAKA

Ukufunwa nokukhethwa koMphathi omtsha kamasipala wase-Overstrand kusatsho chu kuhle. Osekweni sikhundla, uMmeli uWerner Zybrands, ujonge ukuthatha umhlala-phantsi xa kuphela isivumelwano sakhe sengqesho ekupheleni kukaDisemba wama-2011. UMnu. uZybrands uza kube efinca iminyaka engama-67 ngoJanuwari, uza kube efikile kwiminyaka esisinyanzelo yokuthatha umhlala-phantsi ngaphambi kokuba siphelwe isivumelwano sengqesho esihlaziye weyo seminyaka emihlanu.

Ngokutsho koMthetho weNkqubo zikaMasipala, isivumelwano sengqesho somphathi kamasipala sesexesha eliqingqiweyo leminyaka emihlanu, asigqithi kwixesha elingangonyaka emva kolonyulo lwebhunga elilandelayo.

UMnu. uZybrands uye wonyulwa ukuba aqalise ukusebenza ngomhla woku-1 ku-Apreli wama-2008, yaye



kwavunyelwana ukuba isivumelwano sakhe sengqesho siza kuphela ngomhla wama-30 ku-Septemba wama-2011, kwiinyanga ezintandathu emva kolonyulo loorhulumente bezekhaya olwalucetyelwe ukubanjwa ngoMatshi 2011. Nanjengokuba unyulo lwathi lwaba ngoMeyi wama-2011, ukuphelelwa kwesivumelwano sakhe kwaba ngomhla wama-31 kuDisemba wama-2011.

Esi sithuba siye sabhengezwa ngoSeptemba ukuze ibhunga elitsha libe nexesha elanelelo lokonyula umphathi omtsha kamasipala oza kuqalisa ekuqaleni konyaka omtsha. Kufunyenwe izicelo ezingaphezu kwama-40.

Ngomhla wama-31 kuDisemba, uMnu. uZybrands uza kube eneminyaka emithathu neenyanga ezisithoba esebenza uMasipala wase-Overstrand.

MAZINGANKCENKESHWAZI ITIZIYA KWIHERMANUS ENKUDLWANA

Abahlali bommandla we-Hermanus eNkudlwana bayakhunjuzwa ukuba ukongiwa kwamanzi kusaqhubeka yaye intsebenziswano yabo ephelileyo iyafuneka ukuqinisekisa ukuba la manzi sinawo ngoku aza kusiqhuba de lidlule eli xesha lonyaka elingenazimvula.

Izitiya mazingankcenkeshwa ngamanzi aziswa ngumasipala. Njengoko kuqalisa ixesha lokulima, abathandi bezitiya bayacelwa ukuba basebenzise amanzi asulungekisiweyo aphuma ebhafini, kwishawara nakoomatshini bokuhlamba iimpahla.

Sithethanje idama iDe Bos lizele ngomlinganiselo wama-42 ekhulwini, kodwa umasipala akanakukwazi ukutsala amanzi kweli dama xa likumlinganiselo we-9 ekhulwini.

IINTSHATSHALI ZOMDLALO WEQAKAMBA ZIKASODOLOPHU

Amaqela eqakamba aseHermanus naseHawton ebebambene ngobhongo kumagqibela kaNkqoyi okusungulwa koKhuphiswano loMdlalo weQakamba kaSodolophu we-20/20 ngoMgqibelo umhla woku-1 ku-Oktobha wama-2011 yaye nangona lo ingumdlalo onqaphazayo ngamanqaku, uthe washushu mpela kwii-overs zokugqibela ngaphambi kokuba iHermanus iwuthathele kuyo lo mdlalo ize ifumane in-yhweba yokuba ligela lokuqala eku-phakamiseni indebe.

Bekudlan' iintsimbi zodwa ngolu suku kwiBala loMdlalo weQakamba laseHermanus njengoko iKleinmond neStanford bezidlalela imbasa yobhedu (bronze) kwakweli bala ngaloo ntsasa, apho kuthe kwaphumelela iKleinmond.

Olu khuphiswano belukwaquka namaqela aphuma eGansbaai nase-Mount Pleasant. Nangona kuthe kwakho iziphumo ebezingalindelekanga,



Hermanus Cricket Club won the first Mayoral Cricket Tournament.

kodwa umoya wabadlali ubumhle kakhulu, kwaye iNdebe kaSodolophu iseza kudlala indima enkulu ekukhuthazeni lo mdlalo nasekumanyeni uluntu lwase-Overstrand.

USodolophu uNicolette Botha-Guthrie uchaze indlela axole ngayo

lolu khuphiswano waza wathi inyathelo elilandelayo ngoku kukuqhuba lonke uKhuphiswano lukaSodolophu ngaxesha-nye aze onke amagqibela kaNkqoyi abe yinxalenye ye-Midlalo yase-Overstrand ngempe-laveki enye.

iKarwyderskraal ivalwe okwethutyana

Indawo yokulahla inkunkuma kule ngingqi iKarwyderskraal iza kuvalwa okwethutyana isithuba seenyanga ezingangesibhozo ukususela kumhla woku-1 kuNovemba wama-2011 de kwakhiwe indawo entsha, ngokwesaziso esisifumene kutshan-je esivela kuMasipala weSithili sase-Overberg.

Le nto ke itheth' ukuthi inkunkuma, ngaphandle kwenkunkuma ecukuceziweyo yasesitinyeni kunye nengqushu nentlabathi ecocekileyo yabakhi enokuthi isetyenziswe ekugqumeni inkunkuma, kuzo kufuneka ithwalwe isiwe kwindawo yokulahla inkunkuma kamasipala eGansbaai.

Inkunkuma jikelele elahlwe kwizikhululo eshiywa kuzo iza kuthuthwa ngumasipala okanye abathunywa bakhe isiwe kwindawo yokulahla inkunkuma eGansbaai. UMasipala wase-Overstrand ucela bonke abaqhubi beemoto torho babe nomonde ngezithuthi ezinkulu eziza kwanda ezidlula eHermanus naku-R44 eziya nezibuya eGansbaai ngeli xesha.

Abakhi mabaphawule ukuba ingqushu engazingxowa zesamente okanye enye inkunkuma ingashiywa simahla eKarwyderskraal. Enye ingqushu ephuma kwiindawo ekwakhiwa kuzo, njenge-engxowa zesamente kunye nezijongwe zemibhobho, zifanele zisiwa kwizikhululo eziya kushiya kuso emva kokuba kuthengwe imvume yoku kumasipala.

Inkunkuma yezitya ifanele isiwe kwizikhululo eya kushiya kuzo ukuze icukucezwe ize ithunyelwe eKarwyderskraal.

UKULAHLWA KWAMATAYALA

Imimiselo ekhutshwe ngokoMthetho WoLondolozo LwezeNdalo malunga nokulahlwa kwamatayala isandul' ukulungiswa. Ukususela ngomhla woku-1 kuJulayi wama-2011, onke amatayala ashiywe kwizikhululo okanye kwindawo yokulahlwa inkunkuma afanele asikwe abe aziikota. Ukususela kumhla woku-1 kuJulayi wama-2014, loo matayala kuzo kufuneka acukucezwe. Okwakalokunje, umasipala akanayo inkonzo yokusika okanye yokucukuceza amatayala. Le mimiselo ayisebenzi kumatayala eebhayisekile okanye anomphandle oziimilimitha ezingaphezu kwe-1400 okanye amatayala asetyenziswa njengempahla yezobunjinieli.

LIVE BY THE MORAL VALUE OF



UKUNGABINAMKHETHE

Ukungabi nakhethe ngumgaqo ongunoqo wokuziphatha yaye kuyintsika kuluntu olulawulwa yidemokhrasi yokwenene nomgaqo-siseko kwanenkqubo yomthetho. Kwakhelwe phezu kweziseko zenkolo yethu ngokwasenzonkweni.

Umgaqo wokungabi nakhethe ubonakala ngakumbi xa sikhokelwa kwindlela esiziphatha ngayo mihla le ngumgaqo wokusoloko siphatha abanye ngendlela esilindele ukuphathwa ngayo nathi.

Ukungabi nakhethe kwindlela esiziphatha ngayo kufuna ukuba sisoloko sinengqondo ephangaleleyo kuzo zonke iimeko nokuthi izigqibo nezenzo zethu ziya kuba nenjongo zize zingabi namkhethe kwaye ziya kusekelwa kwizibakala ezivakalayo.

Loo nto iqinisekisa ukuba siya kusoloko sibonisa intlonelo ngelungelo labantu lokuphathwa ngesidima nangokulingana, nokuba imeko ithini na.

Kwindawo esinenyweba ngokuba kuyo, kufuneka siqiniseke ukuba sisoloko sizihlola ngokuphendula le mibuzo ibalulekileyo:

- Ingaba thina njengabantu, amagunya, amashishini, iinkonzo kunye neentlangano zoluntu senza konke okusemandleni ekwakheni inkubeko yokungabi nakhethe kwindawo yethu?
- Ingaba sibaphatha ngokunganamkhethe abo basebenza kumashishini namakhaya ethu?
- Xa sigxeka naxa sikhazela inkonzo nempatho esiyifumene, ingaba sisoloko singenakhethe?
- Ingaba sisoloko sisenza ngokungenakhethe kwabo sibahambi-sela iinkonzo?

IProjekthi yeMSI, umnxeba uthi 082 412 4538 okanye nantsi i-imeyili ernstes@vodamail.co.za



IWONGA LEPROJEKTHI YEZINDLU YASEKLEINMOND

IProjekthi yeziNdlu yaseKleinmond iwongwe ngembasa ekhethekileyo kudidi lwezindlu ezixabiso liphantsi kumnyhadala wokunikezelwa kwamawonga nguMbutho weziNdlu waseMzantsi Afrika obuseSpier Wine Estate cebu kuhle eStellenbosch ngoLwesibini, umhla we-13 kuSeptemba wama-2011.

Ngokutsho kwengxelo, le projekthi iwongwe ngembasa ngenxa yohlobo ezakhiwe neziyilwe ngayo izindlu, into ke leyo ethe yanika abahlali izindlu ezisemgangathweni nezingeyongozi kwezindalo. Olu phuhliso luthe lwagxininisa kakhulu ekusetyenziseni kwezinto zasekuhlaleni kunye nabasebenzi ngelokunceda uluntu ngokubanzi.

Kunikezelo bekukho ukusuka ekhohlo uMnu. uBriand Louw osuka kuMasipala wase-Overstrand, uMnu. Koos Pretorius osuka eMotlekar, (ebifudula isaziwa ngele-M5), uMphathiswa wezeziNdlu waseNtshona Koloni uBonginkosi Madikizela, uMnu. uFaizel Motlekar kwakunye noMnu. uJohn Hopkins, oIiGosa eliPhezulu loMbutho weziNdlu waseMzantsi Afrika. UBriand ude wafikelela kumagqibela kaNkqoyi kolu didi kuMntu wezeziNdlu woNyaka.

VERKIES U DIÉ NUUSBRIEF IN 'N ANDER AMPTELIKE TAAL?
SMS u rekeningnommer met A vir Afrikaans na 082 338 1631

DO YOU PREFER THIS NEWSLETTER IN ANOTHER OFFICIAL LANGUAGE? SMS your account number with E for English to 082 338 1631

Ubhalisa njani ukuze ufumane inkonzo ye SMS ka Masipala?

Thumela i-SMS enenombolo ye akhawunti kamasipala namagama athi SMS kule nombolo 082 338 1631 okanye uqhagamshelane nesebe loncedo lwabantu kwifosi yokurhafa ekufutshane kuwe.

